IMFIHLELO KATHIXO

IZITYHILELO 10:7

Uludwe LokuQulathiweyo

2 Okungaphezu Kwendalo

8 Umgwebo

12 Igama

16 Ubomi Obulandelayo

22 Isono Sasekuqalekeni

28 Imini Enkulu Eyoyikekayo yeNkosi

34 ILizwi

www.umyalezo.org

okanye

VOICE OF GOD RECORDINGS
South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140
Western Cape, Republic Of South Africa

INGABA UTHIXO USAYENZA IMISEBENZI YAMANDLA NJENGOKO WENZAYO EBHAYIBHILENI?

INGABA WAKHE WAZIBUZA KUTHENI KUFANELE UBHAPTIZWE?

NJE KUBA ULILUNGU LECAWA, INGABA OKO KUTHETHA UKUBA USINDISIWE?

YINTONI KANYE EYENZEKAYO PHAKATHI KWENYOKA NO-EVA EMYEZWENI WE-EDEN?

INGABA UBUSAZI UKUBA IBHAYIBHILE ITHEMBISILE UKUBA IMFIHLELO KATHIXO IYAKUGQITYWA KULE MIHLA YOKUGQIBELA?

LIXESHA LOKUBA IIMFIHLELO ZIVULWE KWAYE ZITYHILELWE IHLABATHI.

INGABA UYAFUNA UKUVA ILIZWI LIKATHIXO ELINYANISILEYO?

Ke ngemihla yezwi lesesixhenxe isithunywa, xa iyakuqalisa ukuvakalisa, **imfihlelo** kaThixo iyakugqitywa, njengoko avakalisileyo kwabangabakhe abakhonzi abaprofeti. ISITYHILELO 10:7

Okungaphezu Kwendalo

Yohane 14:12

Inene, inene, ndithi kuni, lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo uyakuyenza naye; kwanemikhulu kunale uyakuyenza; ngokuba ndiya kubawo.

Marko 16:17-18

Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo; egameni lam bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha;
Bayakubamba iinyoka; kwaye nokuba bathe basela into ebulalayo, ayisayi kubenzakalisa; bayakubeka izandla phezu kwabagulayo, kwaye bayakuphila.

Sonke kuthi singatyhila amaphepha eBhayibhile size sibone ukuba uThixo wenze imimangaliso: uMoses wacanda kubini uLwandle oluBomvu, u-Eliya wabiza indlala, uYesu wahamba phezu kwamanzi, kwaye abafundi baphilisa abagulayo.

Kukho ezingamawaka iziganeko ezishicilelweyo eBhayibhileni. Ukuba uThixo ungqina *ngemiqondiso nezimanga*, ngoko iphi imimangaliso yakhe namhlanje? Ingaba Angawuphilisa umhlaza njengoko Waphilisa iqhenqe eBhayibhileni? Malunga naphi ne-AIDS kunye nemalariya? Ingaba Usenakho ukwenza ummangaliso? Ewe, uThixo usayenza imimangaliso kwaye *le miqondiso iyabalandela abo bakholwayo*.

Ngoku, khangela sihlobo, cinga ngoKumkani George waseNgilane, xa waphiliswayo ekuqineni kwemithambo okuphinda-phindeneyo, xa wamthandazelayo. Cinga ngo Florence Nightingale, (uninakhulu, umseki weRed Cross), wayemalunga namashumi amathandathu obunzima, elele esifa ngaphaya ngumhlaza wethumbu lesisu, elele phaya esifa. Ihobe elincinci labhabhela etyholweni phaya waza uMoya kaThixo waza wathi, "ITSHO INKOSI, uyakuphila." Kwaye unobunzima obulikhulu elinamashumi amahlanu anesihlanu obunzima kwimpilo egqibeleleyo.

Cinga ngo Congressman Upshaw ehleli ebophelelekile esitulweni nasebhedini unyaka emva konyaka, kangangamashumi amathandathu anesithandathu eminyaka. Kwaye nje ngethutyana lexesha wama ngeenyawo zakhe, wabaleka esakhiweni, wachukumisa iinzwana zakhe, wayephiliswe ngokugqibeleleyo.

Cinga nje ngamawaka amawaka abantu abaphiliswayo. Kutheni sihleli apha nje side sife? Masenze into malunga nayo.

Yiba nokholo ukuba uyagula okanye unesidingo. IBhayibhile itshilo ukuba *uYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade*, ke ukuba Wayekwazi ukwenza ummangaliso kumawaka amabini eminyaka eyagqithayo, ngoko Unakho ukwenza kwa into enye nanamhlanje. Usithembisile ukuba siphilisiwe, ukuba *singakholwa kuphela*.

William D. Upshaw

Ukhonze iminyaka esibhozo kwiNdlu yaBameli eNited States kwaye wazigqatsela ubumongameli ngo1932. Isiganeko sobufama samkhubaza esengumntwana, kwaye wachitha ama-66 eminyaka ngaxa lithile kwintonga zokuhamba okanye kwisitulo sokuhamba. Ngo 1951, waphiliswa ngokupheleleyo kwaye wahamba ngokugqibeleleyo ubomi bakhe bonke.

Florence Nightingale,

Isizalwana esingasondela nga ncam kumongikazi odumileyo, waye enongapheliyo umhlaza wesisu. Wathumela lo mfanekiso njengesicelo sakhe sokugqibela sokuthandazelwa phambi kokuba umhlaza uthabathe ubomi bakhe. Njengoko unokubona, wayekwiqondo lokufa phambi kokuba iNkosi uYesu imphilise ngo 1950. Umfanekiso olandelayo wathatyathwa emva kokuphiliswa kwakhe waza wathunyelwa njengobungqina bokuba uThixo usaphilisa abagulayo.

uTris Griffin

waya kwi-ofisi kagqirha ekuqaleni ko 2013 ngokuba wayeneentlungu zomqolo owayesoyikela ukuba ingaba kukubuya kwengxaki yakhe yomhlaza. I-MRI yabonisa "umxhelo oqhaqhekileyo" entliziyweni yakhe, owabangela oogqirha benze ezinye iimvavanyo baza bacwangcisa uqhaqho olungxamisekileyo kusuku olulandelayo. Umgca oya entliziyweni emfanekisweni yimfanta ecacileyo engathetha okukhawulezileyo kunye nokuphantse ukuqinisikiseka ukufa ukuba iyadumba.



Kusuku olulandelayo, emva kokuba amakholwa ethandazile ngaye, oogqirha benze enye iCT scan ukwalatha ngokuchanekileyo indawo apho ukuqhaqheka bekukhona ngaphambi kotyando. Ngeli xesha, imifanekiso yabonisa intliziyo ephile qete. Ngokumangaliswa, ugqirha otyandayo waxelela uNksk. Griffin, "Andazi emandikuxelele kona. Ubunomxhelo oqhaqhekileyo, kodwa bonke ubungqina bumkile." Wambonisa imifanekiso ngaphambi komthandazo, nangasemva kwawo. "Ukhululekile ukuba ungahamba, kwaye ngenye indlela, akukho naphawu lamhlaza. Usempilweni egqibeleleyo."



(ekhohlo) Isolathisi sikagqirha solathe kumxhelo olithunzi, indawo esisangqa embindini womfanekiso. Umgca oxwesileyo ukunqumla kuyo ludumbo lomthambo, okanye "ukuqhaqheka" komxhelo, ntoleyo efuna utyando olukhawulezileyo kwaye iyabulala ukuba iyadumba. (ngasentla) I-scan sesibini senziwa kusuku olulandelayo. Ukuqhaqheka kwakunyamalale ngokupheleleyo kwaye zange kwabuyela.

Izalathiso

Indumiso 103:2-3
Mbonge uYEHOVA, mphefumlo wam, ungayilibali yonke impatho yakhe entle: Uloxelela bonke ubugwenxa bakho; ***ulophilisa zonke izifo zakho;***

Isaya 53:5
Kanti yena uhlatywe ngenxa yezikreqo zethu, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa; ubetho lokuba sibe noxolo thina lube phezu kwakhe; kwaye ***siphiliswa ngemivumba yakhe.***

Marko 16:17
Kwaye imiqondiso eyakulandelana nabo bakholiweyo nantsi; *Egameni lam bayakukhupha iidemon; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha;*

Luka 17:6
Ithe ke iNkosi, ***Ukuba beninokholo olunjengokhozo lwemostade,*** *beningathi kulo mthombe, Ncothuka, utyaleke elwandle; kwaye* ***uze unive.***

Yohane 14:12
Inene, inene, ndithi kuni, ***Lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo mna uyakuyenza naye yena;*** *nemikhulu kunale uyakuyenza; ngokuba mna ndisiya kuye uBawo.*

I Tesalonika 1:5
Ngokuba iindaba ezilungileyo zethu azibangakho kuni ngantetho yodwa, ***zabakho nangamandla,*** *nangoMoya oyiNgcwele, nangenkoloseko enkulu; njengoko naziyo ukuba saba ngabanjani na phakathi kwenu ngenxa yenu.*

Kumahebhere 2:3-4
Sothini na thina ukusinda, sakuba siluhilizele usindiso olungakanana; lona olwaqalwa ukuthethwa yiyo iNkosi, lwaza lwaqiniselwa kuthi ngabo bayivayo yona;
UThixo engqinelana nabo, ngemiqondiso kwanezimanga, *nemisebenzi ngemisebenzi yamandla, nezabelo zoMoya oyiNgcwele, ngokokuthanda kwakhe?*

Kumahebhere 13:8
UYesu Kristu ukwanguye izolo, namhlanje, naphakade.

Yakobi 5:15
Wothi umthandazo wokholo umsindise lowo ugulayo, *yaye iNkosi iyakumvusa; kwaye nokuba ubethe wenza izono, wozixolelwa.*

I Petros 2:24
Owathi ngokwakhe wazithwala izono zethu ngomzimba wakhe emthini, ukuze thina, sifile ngakwizono, siphilele ebulungiseni: ***omivumba yakhe naphiliswa ngayo.***

Umgwebo

Indumiso 96:13

Phambi KOYEHOVA: ngokuba esiza, ngokuba esiza kugweba ihlabathi: uyakuligweba ihlabathi ngokobulungisa, nabantu ngokunyanisa kwakhe.

Kukho amawaka amahlelo ahlukeneyo ehlabathini namhlanje. Inkolo nganye igweba enye, noko zonke zithembisa ngentsindiso eza ngamahlelo *abo*. Sazi njani ukuba leliphi emasikhethe lona?

UKuba sikhetha ibandla leKatolika, ngoko samkela *ukungxengxezelwa ngabangcwele,* ntoleyo engekho nganeno ekuthandazeni kwizithixo. IBhayibhile ithi, "*Kuba mnye uThixo, kwaye mnye nomxolelanisi phakathi koThixo nabantu, umntu uYesu Kristu;*" (I Tim 2:5). Umpristi ubizwa "Bawo" ntoleyo eyayigatyiwe nguYesu kuMatt 23:9: "*Ze ningabizi mntu uyihlo wenu phezu komhlaba: ngokuba mnye uYihlo wenu, lowo usezulwini.*" I-Assemblies of God isixelela ukuba ukuthetha ngeelwimi luphawo lukaMoya oyiNgcwele, xa uPawulos wathi, "*Ndingafanelana ndithetha ngeelwimi zabantu nezezithunywa zezulu, uthando ndingenalo, ndisuke ndaba yixina ehlokomayo, okanye icangci elikhenkcezayo.*" (I Kor 13:1)

Phantse onke amahlelo ayakhawuleza ukusixelela ukuba izinto ezininzi eBhayibhileni zitolikwe ngokuphosakeleyo, zilahleke ekuguqulweni, okanye azingeni kwilizwe lanamhlanje. Ke, ingaba sifanele ukukholelwa iBhayibhile okanye imfundiso yobuhlelo? Yintoni ayakuyisebenzisa uThixo njengezinga lokugweba?

Ukuba ndingabuza umKatolika apha ngobubusuku, "Ucinga yintoni ayakuligweba ngayo ihlabathi uThixo?" UmKatolika uthi, "Ngebandla lobuKatolika." Kulungile, ngoku eliphi iBandla lobuKatolika? Ngoku baneyobuRoma, eyobuGrike boMthetho, kunye nezininzi zazo. Eliphi iBandla lobuKatolika eyakuba lilo? AmaLutere athi, "Ngathi," ngoko ungaphandle wena mBhaptizi. Kwaye ngoko ukuba siyakuthi, "NgobuBhaptizi," ngoko abakwaMoya bangaphandle. Ngoko bekuyakubakho umbhodamo, bekungayi kubakho bani waziyo amakakwenze; ke Akazange athembise kulingweba ihlabathi ngebandla.

Wathembisa ukuligweba ihlabathi ngoKristu, kwaye uKristu liLizwi. Kwaye iBhayibhile yiyo eyakuligweba ihlabathi, lowo nguYesu Kristu okwanguye izolo, namhlanje, naphakade.

Izalathiso

Yohane 1:1
Ekuqalekeni ube ekho uLizwi, waye uLizwi ekuye uThixo, waye uLizwi enguThixo.

Yohane 1:14
Kwaye uLizwi waba yinyama, *wahlala phakathi kwethu, (kwaye sabubona ubuqaqawuli bakhe, ubuqaqawuli kanye bowokuphela kwamzeleyo uYise,) ezele lubabalo nayinyaniso.*

Yohane 5:22
Kuba kananjalo uYise akagwebi namnye, koko ***uthe umgwebo wonke wawunikela kuNyana:***

Yohane 12:48
Lowo undigibayo mna, angawamkeli amazwi am, unaye omgwebayo: ***ilizwi endilithethileyo,*** *lilo eliya kumgweba ngomhla wokugqibela.*

Kwabase-Efese 1:5-7
Othe ngokusithanda wasimisela ngenxa engaphambili ukuba senziwe abantwana ngoYesu Kristu kuye, ngokwenkolelo yokuthanda kwakhe,
Ukuze kudunyiswe uzuko lobabalo lwakhe, awasibabala ngalo sikuye othandiweyo.
Esinayo sikuye inkululeko ngokuhlawulelwa ngegazi, ukuxolelwa ke kweziphoso zethu, ngokobutyebi bobabalo lwakhe;

Kwabase-Efese 2:5-8
Nakubeni sasifile zizono, wasidlisa ubomi ndawonye noKristu, (nisindiswé ngobabalo;)
Wasivusa naye, wasihlalisa naye kwezasemazulwini iindawo sikuKristu Yesu:
Ukuze ubutyebi obuncamisileyo bobabalo lwakhe abubonakalise kwizigaba ezizayo, ngokusenzela ububele ngoKristu Yesu.
Kuba nisindiswe ngokubabalwa nangalo ukholo; nako oko kungaphumi kuni: kusisipho sikaThixo:

I Yohane 1:7
Ke ukuba sihamba ekukhanyeni, njengoko yena esekukhanyeni, soba sinobudlelwana omnye nomnye, lithi ***negazi likaYesu Kristu uNyana wakhe lisihlambe kuso sonke isono.***

Isityhilelo 22:18-19
Kuba ndiyangqina kubantu bonke abawevayo amazwi esiprofeto sale ncwadi, Ukuba xa umntu athe wongeza kwezi zinto, uThixo uyakongeza kuye izibetho ezibhaliweyo kule ncwadi:
Ukuba umntu uthe wasusa kuwo amazwi encwadi yesi siprofeto, uThixo uya kusisusa isabelo sakhe encwadini yobomi, nakuwo umzi ongcwele, nakuzo izinto ezibhaliweyo kule ncwadi.

Igama

Marko 16:16

Lowo ukholiweyo wabhaptizwa wosindiswa; ke yena ongakholwanga wogwetywa.

Izenzo 2:38

Uthe ke uPetros kubo, Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye egameni Likayesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye ke niyakwamkela isipho sikaMoya oyiNgcwele.

Ngokucacileyo, ubhaptizo lubaluleke kakhulu, kodwa ingaba kukhathalisekile ukuba sibhaptizwa *njani*? Ingaba lukho ubhaptizo oluchanekileyo, okanye nayiphi into ingasebenza? Ukuba uyayikholelwa iBhayibhile, ngoko EWE, lukho ubhaptizo oluchanekileyo.

Amabandla amaninzi abhaptizela eGameni likaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, kodwa oku akuchanekanga eBhayibhileni.

KwiZenzo 19, kwakukho abantu abathile ababesele bekholiwe kuYesu Kristu, kodwa noko bengekawamkeli uMoya oyiNgcwele ezintliziyweni zabo. Umpostile uPawulos wayazi indlela echanekileyo yokwamkela uMoya oyiNgcwele, ke wababuza, "*Nabhaptizelwa enini na phofu?*" Kwaye bathi, "*Kubhaptizo lukaYohane.*" (Izenzo 19:3) UPawulos wabona ukuba babengabhaptizwanga ngokomyalelo kaPetros kwiZenzo 2:38, ke wabayalela ukuba baphindwe babhaptizelwe eGameni leNkosi uYesu. Ngoko, njengoko kuthenjisiwe, bamkela uMoya oyiNgcwele.

Ke, kutheni abafundi babhaptizela eGameni likaYesu ngelixa uYesu, ngoKwakhe, wabaxelela ukuba babhaptizele ***eGameni*** (hayi "magama") likaYise, nelikaNyana, nelikaMoya oyiNgcwele? (Matt 28:19) Ingaba benza impazamo? Hayi! Benza twantse njengoko babeyalelwe.

Njengoko ufunda elinkqaku lomhleli, cinga ngegama lakho. Ingaba ungunyana? Ingaba igama lakho, ngu "Nyana"? Ingaba ungunina? Ingaba igama lakho ngu "Nina"? Kakade hayi, ezo zizihlonipho nje. Unegama lenene, kwaye unjalo noThixo.

Nantsi apha impendulo:

Kwaye zange kwabakho nto injalo eBhayibhileni nawuphi umntu wakhe wabhaptizwa egameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele; ngokuba akukho nto injalo. UBawo asilogama; noNyana asilogama; kwaye noMoya oyiNgcwele asilogama; kodwa iGama likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele yiNkosi uYesu Kristu.

UYesu Kristu nguThixo! NguYise, uNyana, kunye noMoya oyiNgcwele.

Ukuba ufuna uMoya oyiNgcwele kwaye ukhamnqisiwe kutheni iNkosi ingekakuniki okwakaloku nje, ngoko ungathanda ukuzibuza kwa umbuzo omnye owathi uPawulos wawubuza, "Nabhaptizelwa enini na phofu?"

Izalathiso

Mateyu 28:19
Hambani ngoko, nifundise zonke izizwe, nibabhaptizela ***egameni*** *likaYise, nelikaNyana, nelikaMoya oyiNgcwele:* [Ngubani iGama likaYise? IGama likaNyana? IGama likaMoya oyiNgcwele?]

Marko 16:16
Lowo ukholiweyo wabhaptizwa uyakusindiswa; ke yena ongakholwanga uyakugwetywa.

Yohane 5:43
Ndize egameni likaBawo, *anindamkeli: ukuba omnye uthe weza ngelilelakhe igama, nomamkela yena.* [Ukuba Uza eGameni likaYise, ngoko ngubani iGama Lakhe?]

Yohane 10:30
Mna noBawo sibanye.

Yohane 12:45
Lowo undibonayo ubona owandithumayo.

Yohane 14:8-9
Athi uFilipu kuye, Nkosi, sibonise uYihlo, kosanelisa.
Wathi uYesu kuye, Ndinaxesha lingakanani ndinani, akukandazi na, Filipu? ***lowo undibonileyo mna umbonile uBawo;*** *utsho ngani na ke wena ukuthi, Sibonise uBawo?*

Yohane 20:27-28
Andule athi kuTomas, Ethe apha umnwe wakho, uzibonele izandla zam; ethe isandla sakho usifake ecaleni lam: musa ukuba ngongakholwayo, yiba ngokholwayo.
Uphendule uTomas wathi kuye, ***Nkosi yam, Thixo wam.***

Izenzo 2:38-39
Uthe ke uPetros kubo, Guqukani, nibhaptizwe nonke ngabanye ***egameni likaYesu Kristu*** *ukuze nixolelwe izono, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele.*
Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude, esukuba iNkosi uThixo wethu iya kubabiza.

Izenzo 4:12
Kananjalo usindiso alukho kuwumbi: kuba akukho gama limbi phantsi kwezulu linikiweyo phakathi kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo.

Izenzo 8:12
Xenikweni ke bakholwayo nguFilipu eshumayela iindaba ezilungileyo zezinto zobukumkani bukaThixo, ***nezegama likaYesu Kristu,*** *babhaptizwa amadoda, kwanabafazi.*

Izenzo 19:3-6
Wathi kubo, Nanibhaptizelwe enini na phofu? Bathe ke bona, Elubhaptizweni lukaYohane.
Wathi ke uPawulos, UYohane okunene wabhaptiza ubhaptizo lwenguquko, esithi ebantwini, mabakholwe kulowo uzayo emva kwakhe, oko kukuthi, kuKristu uYesu.
Bevile ke oku, babhaptizelwa ***egameni leNkosi uYesu.***
Uthe uPawulos akubeka izandla phezu kwabo, wehla uMoya oyiNgcwele phezu kwabo; baye bethetha ngeelwimi, beprofeta.

Kwabase-Efese 4:5
Inye iNkosi, lunye ukholo, ***lunye ubhaptizo,***

Kwabasekolose 3:17
Nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto zonke ***egameni leNkosi uYesu,*** *nibulela ngayo kuye uThixo uYise.*

I Yohane 5:7
Ngokuba bathathu abo bangqinayo ezulwini, uYise, iLizwi, noMoya oyiNgcwele: kwaye ***aba bathathu banye.***

Ubomi Obulandelayo

Yohane 5:28-29

Musani ukumangaliswa kuko oku: ngokuba kuza ilixa, abaya kuthi ngalo bonke abasemangcwabeni balive ilizwi lakhe, baphume ke; Abo benza izinto ezilungileyo, beze eluvukweni lobomi; nabo ke benza izinto ezimbi, beze eluvukweni lokugwetywa.

Kuza ilixa xa wonke ngamnye kuthi, nokuba ngumKristu okanye ngolunye uhlobo, ayakufumanisa ngokuyinene yintoni engaphaya komkhusane wexesha. IBhayibhile ithembisa ngoBomi baNaphakade kwabanye, kwaye kwabanye, ithembisa umgwebo. Wonke umntu kwimbali yonke uzibuzile ngokuqinisekileyo, "Kuyakwenzeka ntoni kum xa ndifayo?"

Kudala ngaphambi kokubakho kweBhayibhile yokufunda, umprofeti uYobhi waqaphela indalo. Wathetha ngethemba lomthi, indlela oyakugawulwa uwiswe uze ufe, noko ngevumba lamanzi, uyantshula ubuyele ebomini uze uvelise izidumba. UYobhi wazi ukuba umntu, njengomthi, uyakuvukela ebomini kwakhona:

Ukuba umntu uyafa, ingaba wophila kwakhona? *yonke imihla endiyinikiweyo yobomi bendinga ndingalinda, kude kufike ukukhululwa kwam.*

Ubungabizayo ke, ndisabele mna: uwulangazelele umsebenzi wezandla zakho.

Kuba ngoku uyawabala amabanga am: akuzigcinile ngenxa yesono sam? (UYobhi 14:14-16)

UYobhi angangabinayo iBhayibhile yokufunda, kodwa wazi ukuba uThixo ngenye imini uyakumvusa engcwabeni xa uMhlanguli woluntu ebonakala.

Akwaba ngoku ebebhalwa amazwi am! owu akwaba ebekrolwe encwadini!

Ngentlabo yesinyithi atyidwe ngelothe axholwa elityeni nanini.

Ke mna ndiyazi ukuba umhlawuleli wam uhleli, nokuba uya kusuka eme phezu kothuli lwehlabathi:

Nasemveni kokuba iimpethu ziwudlavuzile umzimba wam, ***kodwa enyameni yam ndiya kumbona uThixo:*** (UYobhi 19:23-26)

Umprofeti wayethetha ngeNkosi uYesu kunye novuko lwabantu Bayo. Ngesityhilelo uYobhi wazi okokuba nakubeni imizimba yethu inganyamalala iphele, uYesu uyakuyibuyisela inyama yethu. Kwaye ngawethu amehlo, siyakukubona uKuza Kwakhe. Bonke abantu bakaThixo bangxamele ukubona lamhla uzukileyo.

Nakuba kunjalo, nje ngokuqinisekileyo kokuba ukho uThixo, kananjalo ukho nomtyholi; kwaye nje ngokuqinisekileyo kokuba kukho iZulu, sikho nesihogo. Iqashiso likhulu kunokuba singacinga. Umpostile uPawulos watsho ukuthi, *"Iliso alikaboni, nendlebe ayikeva, kungazange kwathi qatha entliziyweni yomntu, izinto athe uThixo wazilungiselela abo bamthandayo yena."* (I Kor. 2:9)

Iingqondo zethu azinakuliqonda ukuba liyakuba likhulu kangakanani iZulu, zingasokuze ziqonde obona bubi besihogo. UYesu usixelela ukuba isihogo sibi kakhulu kangangokuba bekuyakuba ngcono ukuba besisika ilungu emizimbeni yethu kunokulinga ukuya kulandawo imbi kakhulu.

Kwaye ukuba isandla sakho siyakuhlupha, sinqamle usisuse: kuba kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usisilima, konokuba uthi unezandla ezibini umke uye esihogweni, emlilweni ongacimekiyo: (Marko 9:43)

Ke ngubani oyakuya eZulwini? Ingubani oyakuya esihogweni? Yingcinga ebuhlungu, kodwa uYesu watsho ukuba abantu abaninzi abayi kwamkela umvuzo Yena athanda ukuwunikisa: *Ngenani ngesango elimxinwa: ngokuba libanzi isango, kwaye iphangalele nendlela, esa entshabalalweni, baninzi ke abangena ngalo: Ngokuba limxinwa isango, icuthene nendlela, esa ebomini,* ***bambalwa ke abalifumanayo.*** (Matt 7:13-14)

Watsho futhi uYesu, "***Asingabo bonke abathi kum, Nkosi, Nkosi, abayakungena embusweni wezulu;*** *koko ngabo bayenzayo intando kaBawo osezulwini. Baninzi abayakuthi kum ngaloo mini, Nkosi, Nkosi, sasingathe na egameni lakho saprofetha? sathi egameni lakho sakhupha iidemon? sathi egameni lakho senza imisebenzi yamandla emininzi? Ndize ngoko ndithi kubo, Andizange ndinazi: mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho."* (Matt 7:21-23)

Nje ukubanga ubuKristu komntu akuthethi ukuba usindisiwe. Ke, lo ngumbuzo ocacileyo ezingqondweni zethu: Ndingabufumana njani uBomi obunguNaphakade? UYesu wasinika nje elula impendulo: *Inene, inene, ndithi kuni,* ***Lowo ulivayo ilizwi lam, akholwe ngulowo wandithumayo, unobomi obungunaphakade,*** *akezi ekugwetyweni; uphume ekufeni wangena ebomini.* (Yohane 5:24)

Ngelishwa, kukho abambalwa kakhulu abantu ehlabathini namhlanje abanokuthanda ukuthabatha ixesha kwimihla yabo exakekileyo lokuba bave iLizwi likaThixo. Kwaye kukho abambalwa kakhulu abayakulikholelwa iLizwi emveni kokuba belivile.

Amabandla asixelela ukuba masibe ngabantu abalungileyo, sicinge lungileyo, singaxoki, siqhathe, okanye sibe, kwaye siyakuya eZulwini. Abaqondi ukuba isihogo siyakuzala ngabantu abakhangeleka bephila ubomi obulungileyo. Okuyinene kukuba asiyi kuya eZulwini ngenxa yemisebenzi yethu yobulungisa okanye ngenxa yokuba singamalungu ebandla elithile. Kukho indlela ekuphela kwayo eya kuBomi obunguNaphakade, kwaye leyo ingoYesu Kristu. Wasiyalela okokuba masiKHOLWE iLizwi LAKHE, ntoleyo iyiBhayibhile. Kungenjalo, singasindiswa njani?

Xa imini yomgwebo ikufikela, uyakuva, *"Yizani, nina nisikelelweyo nguBawo, nibudle ilifa ubukumkani obalungiselelwa nina kwasekusekweni kwehlabathi,"* (Matt 25:34) okanye uyakuva, *"Mkani kum, nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunaphakade, owalungiselwa umtyholi kunye neengelosi zakhe"*? (Matt 25:41)

Njengoko amehlo akho efunda kulamazwi, unokhetho ofanele ulwenze: Ingaba uyakukhetha ukukholelwa iLizwi likaThixo?

Kuphi apho uyakuchitha khona unaphakade wakho?

Izalathiso

UYobhi 14:12-16
Umntu ulala phantsi ke angavuki; lide izulu lingabikho, bangaqabuki, bangavuswa ebuthongweni babo.
Akwaba ubungandigushayo kwelabafileyo, akwaba ubungandisithelisi, ude ugqithe umsindo wakho, undimisele umda, undikhumbule ke!
Ukuba úthe umntu wafa, wophila na? yonke imihla yokuphuma kwam umkhosi, bendinga ndigalinda, kude kufike ukukhululwa kwam.
Ubungábizayo ke, ndisabele mna: uwulangazélele umsebenzi wezandla zakho.
Kuba ngoku uyawabala amabanga am: akuzigcinile ngenxa yezono zam?

UYobhi 19:23-26
Akwaba ngoku ebebhalwa amazwi am! owu akwaba ebekrolwe encwadini!
Ngentlabo yesinyithi atyidwe ngelothe axholwa elityeni nanini!
Ke mna ndiyazi ukuba umhlawuleli wam uhleli, nokuba uya kusuka eme phezu kothuli lwehlabathi:
Nasemveni kokuba iimpethu ziwudlavuzile lo mzimba, noko kunjalo kule nyama ndiya kumbona uThixo.

Mateyu 7:21-23
Asingabo bonke abathi kum, Nkosi, Nkosi, abayakungena embusweni wezulu; koko ngabo bayenzayo intando kaBawo osezulwini.
Baninzi abayakuthi kum ngaloo mini, Nkosi, Nkosi, sasingathe na egameni lakho saprofetha? sathi egameni lakho sakhupha iidemon? sathi egameni lakho senza imisebenzi yamandla emininzi?
Ndize ngoko ndithi kubo, Andizange ndinazi: mkani kum, nina nenza okuchasene nomthetho.

Mateyu 22:14
Kuba baninzi ababiziweyo, ke bambalwa abanyuliweyo.

Yohane 3:16-17
Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe, okuphela kwamzeleyo ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade.
Kuba uThixo akamthumanga uNyana wakhe ehlabathini ukuze aligwebe ihlabathi; koko wamthuma ukuze ihlabathi lisindiswe ngaye.

Yohane 5:24
Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ulivayo ilizwi lam, akholwe ngulowo wandithumayo, unobomi obungunaphakade, akezi ekugwetyweni; koko uphume ekufeni wangena ebomini.

I Kwabasekorinte 2:9
Njengoko kubhaliwe, Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe, nezingathanga qatha entliziyweni yomntu, zizo uThixo awazilungisela abo bamthandayo.

I Tesalonika 4:13-18
Ke kaloku andithandi ukuba ningazi, bazalwana, mayela nabalele ukufa, ukuze ningabi buhlungu, njengabanye abangenathemba bona.
Kuba xa sikholwa ukuba uYesu wafa wabuya wavuka, nabo abo balele ukufa ngaye uYesu uThixo woza nabo kunye naye.
Kuba oku siyakutsho oku kuni ngelizwi leNkosi, ukuthi thina babudlayo ubomi abaya kuba besekho ekufikeni kweNkosi asisayi kubaphangela abalele ukufa.
Ngokuba iNkosi ngokwayo iya kuhla ezulwini inendanduluko, inelizwi lesiphatha-zithunywa, inexilongo likaThixo: baze abafele kuKristu bavuke kuqala:
Sandule thina babudlayo ubomi basaseleyo sixwilelwe emafini kwakunye nabo, siye kuyikhawulela iNkosi: kwaye siyakuhlala sindawonye kunye neNkosi naphakade.
Ngoko ke thuthuzelanani ngala mazwi.

Isono Sasekuqalekeni

Genesis 3:1

Ke kaloku inyoka yaye inobuqhophololo ngaphezu kwazo zonke izinto ezuphilileyo zasendle ABEZENZILE uYehova uthixo. Yathi kumfazi, utshilo na, okunene uthixo ukuthi, ze ningandli kuyo yonke imithi yomyezo?

Genesis 3:6-7

Kwaye xa wabonayo umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, kwaye ingumthi onqweneleka ukuqiqisa, wathabatha eziqhameni zawo, wadla, waza wanika nendoda yakhe; inaye yadla.

Aze aqabuka amehlo abo bobabini, bazi ukuba bahamba zè; bathunga amagqabi omkhiwane, bazenzela imibhinqo.

Genesis 3:14-15

Wathi UYEHOVA uthixo kwinyoka, ngokuba uyenzile lento, uqalekisiwe wena ngaphezu kwento zonke ezizitho ziné neento zonke eziphilileyo zasendle; uyakuhamba ngesisu, udle uthuli yonke imihla yobomi bakho:

Kwaye ndiyakumisa ubutshaba phakathi kwakho nomfazi, naphakathi kwembewu yakho nembewu yakhe; iya kukutyumza intloko, wena uya kuyityumza isithende.

Esi sisono sokuqala ukushicilelwa eBhayibhileni. Eyona inobuqhophololo kwizinto eziphilileyo zasendle, inyoka, "yamlukuhla" u-Eva ekubeni atye kwintwanana yesiqhamo esingavumelekanga. Wasitya waza wasinika nomyeni wakhe, ntoleyo eyababangela baqonde ukuba babezé.

Imibuzo ecacileyo yile: Ingathetha njani inyoka? Linanto yakwenza nantoni i-apile nokubeni zé? Kwaye, kuphi apho imbewu yenyoka ingena khona kuko konke oku?

IBhayibhile ithi inyoka yayiyeyona nto "inobuqhophololo" kuzo zonke izinto eziphilayo zasendle. Yayi njengomntu, okokuba ingahamba, ingathetha, kwaye ingabanencoko ekrelekrele. Emva kokuba ilukuhle umfazi ka Adam, uThixo wayiqalekisa ukuba ibe yinyoka, kodwa hayi ngaphambi kokwenzeka komonakalo kwaye imbewu yatyalwa.

IBhayibhile ithi kwiGenesis 3:15 okokuba inyoka yayinembewu, kwaye uThixo wabeka *ubutshaba* phakathi kwezimbewu zimbini.

Ngokucacileyo, imbewu yenyoka yaxubana nembewu yendalo ka-Eva ngaphambi kokwahlukaniswa. Kanjani konke oko kube ziziphumo zokutyiwa kwe-apile? Ngoko, ivesi ezimbalwa kamva, *"U-Adam walibiza igama lomkakhe ngokuthi ngu Eva; ngokuba engunina wabo abaphilileyo bonke."* Qaphela ukuba ayithi u-Adam wayenguyise wabaphilileyo bonke.

Kukho "iziqhamo" ezahlukileyo eBhayibhileni. Kakade, kukho isiqhamo sokwenene, njenge apile, elikhulayo kwaye liyatyiwa njengokutya. Kananjalo kukho isiqhamo esibhekiselele kwimisebenzi yethu, nokuba yimisebenzi yasenyameni njengokufuya nokushishini, okanye imisebenzi yasemoyeni njengokwenza imimangaliso nokushumayela iVangeli. Kwakhona, kukho isiqhamo sesibeleko, esibhekiselele ekukhawulweni nasekuzalweni komntwana.

Ingaba ukutya isiqhamo sokwenene singanika u-Adam no-Eva ukuqonda kokuba babeze? Okanye, ingaba kungathabatha ukuhlangana ngenyama phakathi kwendoda nomfazi okokuba bona bazi ukuba kutheni kufanele bagqume iindawo ezithile zemizimba yabo?

Yintoni eyenzekayo ngala mini eMyezweni eyabangela lonke uluntu luwe?

> *Njengoko iMbewu yomfazi yayinguThixo wenene eziveza kwakhona ngoKwakhe enyameni yomntu, ngoko nembewu yenyoka yindlela yokwenene awathi uSathana wayifumana ukuba wayenakho ukuzivulela isango lokungena eluntwini. Kwakungakwazeki kuSathana (ngokuba kuphela kwesidalwa esingokomoya ESIDALIWEYO) esinokuzivelisa kwakhona ngendlela awathi uThixo wazivelisa Yena, ngoko ibali leGenesis lisixelela indlela awavelisa imbewu yakhe waza wazibonakalisa okanye wazifaka kuhlanga loluntu. Kwaye khumbula ukuba uSathana ubizwa ngokuba yi "nyoka." Leyo yimbewu yakhe okanye ukufakwa kuhlanga loluntu esithetha ngako.*

> *Ngaphambi kokuba u-Adam abenokwazi u-Eva ngokwasenyameni, inyoka yayisele inalo olwalwazi ngaphambi kwakhe. Kwaye owazalwa kulo yayingu Kayini. UKayini waye (ezalwe, ozelweyo) ngo "Wongongendawo," I Yohane 3:12.*

> *…Inyaniso yeyokuba u-Eva wayenoonyana ABABINI esibelekweni sakhe (amawele) aphuma kukhawulo OLWAHLUKENEYO. Wayethwele amawele, ngokhawulo lukaKayini kuqala ngaphambi kolo luka Abheli.*

Izalathiso

Genesis 3:6-7
Kwaye xa wabonayo umfazi ukuba umthi ulungele ukudliwa, nokuba uyakhanukeka emehlweni, kwaye ingumthi onqweneleka ukuqiqisa, wathabatha eziqhameni zawo, wadla, waza wanika nendoda yakhe; inaye yadla.
Aze aqubuka amehlo abo bobabini, ***bazi ukuba bahamba zè;*** *bathunga amagqabi omkhiwane, bazenzela imibhinqo.*
[Bazi njani ukuba babezè ngenxa yokutya intwana yesiqhamo?]

Genesis 3:13-15
Wathi uYEHOVA uThixo kumfazi, Yintoni na le uyenzileyo? Wathi umfazi, ***Inyoka indilukuhlile,*** *ndaze ndatya.*
Wathi uYEHOVA uThixo kwinyoka, Ngokuba uyenzile lento, uqalekisiwe wena ngaphezu kwento zonke ezizitho zine, neento zonke eziphilileyo zasendle; uyakuhamba ngesisu, udle uthuli yonke imihla yobomi bakho:
Kwaye ndiyakumisa ***ubutshaba phakathi kwakho nomfazi, naphakathi kwembewu yakho nembewu yakhe;*** *iya kukutyumza intloko, wena uya kuyityumza isithende.*
[Inyoka yayinembewu. Ngokucacileyo, oko akubhekiselelanga enyokeni erhubuluzayo.]

Genesis 3:20
Waza u-Adam walibiza igama lomkakhe ngokuthi ngu Eva; ***ngokuba yena engunina wabaphilileyo bonke.***
[Kutheni u-Adam engabizwa ngoyise wabaphilileyo bonke?]

Genesis 4:1-2
Kwaye u-Adam wamazi u-Eva umkakhe; waza wamitha, wazala uKayin, wathi, ***Ndizuze indoda ngoYEHOVA.***
Waphinda wazala umninawa wakhe u-Abheli. Ke u-Abheli wayengumalusi wezimvu, kodwa uKayin waba ngumsebenzi womhlaba.
[Bonke ubomi buphuma kuThixo, nokuba buze ngokufanelekileyo okanye ngokungafanelekanga. USathana akanakudala bomi.]

Luka 3:38
Owayengunyana ka Enos, owayengunyana ka ***Sete, owayengunyana ka Adam,*** *owayengunyana ka Thixo.*
[Uphi unyana wamazibulo uKayin kumlibo ka Adam?]

I Yohane 3:12
Singabi ***njengoKayin, obengowongendawo,*** *owambulalayo umninawa wakhe. Wambulalela ni? Ngokuba imisebenzi yakhe ibingendawo, ke yona eyomninawa wakhe ibinobulungisa.*
[UThixo wamdala u-Adam ngokomfanekiselo Wakhe. Busuka phi ubungendawo buka Kayin, kwaye busuka phi ubulungisa buka-Abheli? Imvelaphi zabo zazifunyenwe kooyise babo.]

Juda 1:14
Waprofeta ke nangabo u-Enoki, ***owesixhenxe ukususela ku-Adam,*** *esithi, Yabonani, yeza iNkosi namawaka alishumi abangcwele bayo,*
[Akukho kwandawo eBhayibhileni uKayini ekumnombo ka Adam.]

Imini Enkulu Eyoyikekayo yeNkosi

Malaki 4:1

Ngokuba, yabonani, iyeza imini, eyakuvutha njengeziko...

Malaki 4:5-6

Yabonani, ndiyakuthumela kuni u-eliya umprofeti ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYEHOVA:

Wobuyisela iintliziyo zooyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise, hleze ndize ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa.

Incwadi yokugqibela yeTestamente Endala ithembisa ukutshatyalaliswa kwehlabathi. Kodwa ngaphambi kwesiphelo, u-Eliya umprofeti uqikelelwa ukuba abuye aze azise uMesiya. Abanye bathi uYohane umBhaptizi usizalisekisile esi siprofeto.

Kumawaka amabini agqithayo, amaYuda ayelindele ukuza kukaMesiya. Babesazi ukuba uMalaki waprofeta ngendoda enomoya ka Eliya eyakwazisa uMesiya kubo. Kodwa xa uYohane umBhaptizi wezayo, wayengeyiyo into ebabeyilindile ukuba abe yiyo u-Eliya. Xa bambuzayo uYesu malunga nokuba kutheni u-Eliya engafikanga tanci, Wabaxelela ngokucacileyo ukuba uYohane wayeyinzaliseko yesa siprofeto: *"Kwaye ukuba beniyakuyamkela, lona ngu Eliya, lowo ebefanele ukuza."*

Yayiliqela elincinci kuphela labantu elamkela esi sityhilelo. Kwezininzi iinkokheli zeenkolo, uYohane wayengeyonto kuphela obaxayo umgxeki wemibutho yabo. Asikukuphela ngokuba bangaqondi umoya ka Eliya, kodwa okukhulu, baphosana noKuza kukaKristu.

Ke ingaba uYohane umBhaptizi wazalisekisa isiprofeto sikaMalaki? Hayi ngokupheleleyo.

Okokuqala, ihlabathi alivuthanga "njengeziko" okwakalokunje, ke siyazi ukuba inxalenye kaMalaki 4 isafanele yenzeke. Enye indawo yeSibhalo eyayingazange izaliswe nguYohane yayi, "ukubuyisela iintliziyo zabantwana kooyise." Kwaye, uYesu, Ngokwakhe, waprofeta ukuba u-Eliya uya (ixesha elizayo) kuza aze abuyisele zonke izinto. (Matt 17:11)

Ngoko kufanele sikhangela u-Eliya ngaphambi koKuza kweSibini kukaKristu!

Ngoku, kulo mhla wanamhlanje, lixesha loKuza kweSibini kweNkosi uYesu. Kwakhona, sithenjisiwe okokuba umoya ka Eliya uyamazisa Yena kuthi ngokuka Malaki 4. Kodwa leliphi iqela labantu eliyakumqonda u-Eliya xa esiza? Kuphela ngabo abakhangela yena.

AMazwi eNkosi yethu noMsindisi aza engqondweni xa sicinga ngesiprofeto sikaMalaki sokuvala eziyure zexesha:

Ke ndithi kuni, La Eliya selefikile, kwaye abamazanga yena...

Mateyu 17:12

Kungathini ukuba sikuphosile ukuza kukaEliya? Ingaba ngoko siyakukuphosa uKuza kweSibini kukaKristu, njengababhali nabaFarisi bakuphosayo uKuza kokuQala ngokuba zange bamqonde uYohane umBhaptizi?



Izalathiso

II Ookumkani 2:15
Kwaye xa oonyana babaprofeti eYeriko ababekhangele bambonayo yena, bathi, ***Umoya ka Eliya uhleli ku Elisha.*** *Baya kumkhawulela, baqubuda emhlabeni phambi kwakhe.*

Isaya 40:3-4
Ilizwi lothile lamemeza entlango lisithi, Yigeceni indlela kaYEHOVA, tyenenezelani uThixo wethu umendo enkqantosini.
Yonke imifula mayinyuswe, zonke iintaba neenduli zigungxulwe: iindawo ezimagqagala zibe zithabazi, nemixawuka ibe ziintili: [UYohane umBhaptizi]

Malaki 3:1
Yabonani, ndiya kuthuma umthunywa wam [UYohane umBhaptizi], *kwaye* ***uyakugeca indlela phambi kwam:*** *kwaye iNkosi, leyo niyifunayo, iyakuza ngesiquphe etempileni yayo, nkqu nomthunywa womnqophiso, enimlangazelelayo: yabona, uyeza, utsho uYEHOVA wemikhosi.*

Malaki 4:1-6
Ngokuba, ***yabonani, iyeza imini, eyakuvutha njengeziko*** [ayikenzeki okwakalokunje]*; kwaye bonke abakhukhumeleyo, ewe, nabenzi bonke bokungendawo, bayakukhubeka kwaye, ibalenye loo mini izayo, utsho uYEHOVA wemikhosi, ingabashiyeli ngcambu nasebe.*

Ke kuni nina baloyikayo igama lam iLanga lobulungisa liya kuphuma linophiliso emaphikweni alo; kwaye niya kuphuma, nidlobe njengamankonyane asesitalini.

Kwaye niyakubaxovula abangendawo; ngokuba baya kuba luthuthu phantsi kweentende zeenyawo zenu ngemini endikwenzayo oku, utsho uYEHOVA wemikhosi.

Khumbulani umyalelo kaMoses umkhonzi wam, endamwisela eHorebhe ngokusingisele kumaSirayeli onke, imimiselo namasiko.
Yabona, ***ndiya kuthumela kuni u-Eliya umprofeti ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYEHOVA:***
Kwaye ***wóbuyisela iintliziyo zooyise kubantwana*** [UYohane umBhaptizi], ***neentliziyo zabantwana kooyise*** [U-Eliya walomhla], *hleze ndize ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa.*

Mateyu 11:10
Kuba lo ngulowo, kubhaliweyo ngaye kwathiwa, Yabonani, mna ndiyasithuma isithunywa sam ngaphambi kobuso bakho, esiya kuyilungisa indlela yakho phambi kwakho. [Malaki 3:1, UYohane umBhaptizi]

Mateyu 11:14
Kwaye ukuba beniyakuyamkela, lona ngu Eliya, lowo ebefanele ukuza. [UYohane umBhaptizi]

Mateyu 17:11-12
Uphendule ke UYesu wathi kubo, Okunene kufika u-Eliya tanci, abuye azimise zonke izinto. [U-Eliya walomhla]
Ke ndithi kuni, u-Eliya uselefikile, abamazanga, kodwa basuka benza kuye konke abakuthandayo. Kwangokunjalo unyana woMntu uzakuva ubunzima ngabo. [UYohane umBhaptizi]

Luka 1:17
Yena uyakuhamba phambi kobuso bayo enomoya enamandla ka Eliya, ukuba azibuyisele iintliziyo zooyise kubantwana, nabangevayo kuko ukuqonda kwamalungisa; alungisele iNkosi abantu abalungisiweyo. [UYohane umBhaptizi]

ILizwi

Kumahebhere 4:12

Kuba ilizwi likathixo liphilile, linamandla, libukhali ngaphezu kwamakrele onke antlangothi mbini, lihlaba liphumele lide lahlule umphefumlo kwanomoya, amalungu kwanomongo, likwangumcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo.

Ngezininzi iimfundiso, amahlelo, kunye neenkolo zonqulo-mntu kweli hlabathi lale mihla, kuphi apho lingena khona ikholwa lenene? Ukuba uPetros, uYakobi, noYohane babelapha emhlabeni namhlanje, leliphi ihlelo ebebeyakulijoyina? Ingaba imimangaliso ibiya kulandelelana nolungiselelo lwabo okanye bebeyakuthi ezo ntsuku zegqitha kudala? Ingaba bebeyakwenzelelela kubhaptizo? Ingaba bebeya kulandela imfundiso yecawa yabo nangona isecaleni kancinci eLizwini? Ingaba bebeya kukholelwa iBhayibhile, okanye ingaba bebeya kukholelwa abaFarisi nabaSadusi banamhlanje?

Zibuze wena lemibuzo: Ukuba uYesu Kristu ebelapha namhlanje, ingaba ubuyakulahla konke ukuze ulandele Yena? Ingaba ubuya kulikholelwa iLizwi Lakhe?

Ukunike ithuba elikwalinye Awalinika abafundi Bakhe. Ubeke eliphetshana esandleni sakho ukuze akolathise emva kwiLizwi Lakhe, iBhayibhile Yakhe. Ingaba úyakwenzelelela?

Madoda nabafazi, zihlobo, ingaba niyaqonda ukuba uThixo weZulu owavusa uYesu Kristu ekufeni, Akafanga koko Uyaphila. Kwaye ukuba Waligcina iLizwi Lakhe kuDavide, ukuba Waligcina ku Eliya, ukuba Waligcina kuMoses, ukuba Waligcina kubantwana bamaHebhere, ukuba Waligcina ku--ku Daniel, Uyakuligcina kuwe nakum.

Ingaba ungathanda ukwazi ngakumbi?

www.umyalezo.org

okanye

Voice Of God Recordings
South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140
Western Cape, Republic Of South Africa

IMfihlakalo KaThixo

IZITYHILELO 10:7

www.umyalezo.org

VOICE OF GOD RECORDINGS
SOUTH AFRICA OFFICE
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140
WESTERN CAPE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

XHOSA